



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement  
Western Cape Provincial Parliament  
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

## UMTHETHO WENX'ENGAPHAMBILI

## UXWEBHU LWEMIBA 7

UPHENGULULO 1, 12 JULAYI 2016

Umthetho wenx'engaphambili uthintela iLungu ukuba lingaxoxi umba ovela kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi, ingaba nguMthetho oSayilwayo okanye isiphakamiso. Ingxoxo enjalo "ivalelwa" ngumba ovela kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi. Lo mthetho uthintela iLungu ekuzameni ukucingela isigqibo kumba osele ukwiPhepha loLuhlu lweMicimbi ngokungenisa umba wesibini ofanayo okanye lowo ufana nqwa ngokupheleleyo ukuba uqwalaselwe ngohlobo olunye. Xa isinqwanqwado siphakanyisiwe kulo mba, isigqibo sikaSihlalo sikhokelwa ngumgaqo wokuba eyona ndlela isebenza kakhulu yokuqhuba nombala kufuneka kuqalwe ngayo.

Umthetho wenx'engaphambili uxhomekeke koku kunxaxha kulandelayo:

- a) Lo mthetho awusebenzi kwingxoxo yomba ongxamisekileyo wobaluleko loluntu.
- b) Ekumiseleni ukuba ingaba ingxoxo ayikho mgaqweni phantsi kwalo mthetho, iGosa eloNgameleyo kufuneka lijonge umfaneleko wokuba umba uza kuziswa phambi kweNdlu phakathi kwixesha elifanelekileyo.
- c) Ukuthunyelwa komba kwikomiti esisigxina akunqandi luqwalaselo lwawo yiNdlu. nangona kunjalo, aMalungu kufuneka alumke angafaki futhe kwisigqibo sekomiti kwaye kufuneka ke ngoko angangeni nzulu kwinkcukacha yomba onjalo.
- d) Lo mthetho awusebenzi ngexesha lengxoxo yeshedyuli kuMthetho oSayilwayo wolwabiwo-mali.

Umthetho wenx'engaphambili usebenza koku kulandelayo:

- a) IiNtetho zaBaphathiswa;
- b) Iingcaciso zobuqu zaMalungu; kunye
- c) NeZaziso zesiphakamiso ezivela ngqo kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi.